**POSSIBLE ANSWERS FOR:**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

## ICANDELO A
## IMIHOBE

### UMBUZO 1

| | | |
|---|---|---|
| 1.1.1 | Yintliziyo | (2) |
| 1.1.2 | Isifaniso | (2) |
| 1.1.3 | Awubonakalisi bungozi | (2½) |
| 1.1.4 | Sisilwane apha okungathi yintaka kodwa siphinde sibonakale njengempuku. | (2) |
| 1.1.5 | Ufuna ukuba macala omabini. | (2) |
| 1.1.6 | Utyekeze. | (2) |
| | | **[12½]** |

### OKANYE

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.1 | Afrika Mzali wethu | (2) |
| 1.2.2 | Ugqithiso/isibaxo/ubabazo<br>Isichasaniso<br>Isichasaniso | (6) |
| 1.2.3 | Kunqandwa intlupheko/indlala | |
| 1.2.4 | Afrika ilizwe lethu | (2) |
| | | (2½) |
| | | **[12½]** |

### OKANYE

| | | |
|---|---|---|
| 1.3.1 | Imfundo | (2) |
| 1.3.2 | Uvula zonke iindawo nokuba zitshixwe kangakanani na. (calisa/izinto ezinqatyiswe nginea yokungazi)<br>Bangajongelwa phantsi abangafundanga<br>Ningazifaki ningene etywaleni. | (5½) |
| 1.3.3 | Baninzi : Nginginya | (2) |
| 1.3.4 | Sakha isimo somntu<br>Sikwaseka nentlalo yoluntu : | (4) |
| 1.3.5 | Imfundo | (1) |
| | | **[12½]** |

## OKANYE
## UMBUZO 1.4

| | | |
|---|---|---|
| 1.4.1 | Aliqhwaleli kuba liqhwalela koko sisimbo salo sokuhamba. | (2) |
| 1.4.2 | Ihashe lakowethu – uJekeqa | (2) |
| 1.4.3 | Izigulane ziphile esibhedlela. | (2½) |
| 1.4.4 | Iphathe kuqhwalela | (2) |
| 1.4.5 | Bhence | (2) |
| 1.4.6 | eNtabakandoda. | (2) |
| | | (12½) |
| | | [25] |

## ICANDELO B
## UMDLALO WEQONGA

## UMBUZO 2

UDlangisa Maqhwa uligosa lesekethe yecawe yaseDiphende, kodwa imisebenzi yakhe ichasene kwanobuKristu obo.

Kwithuba langaphambili ukhe wavana noMamNtakwenda.

Uthe akumazisa ukuba uzithwele suka uDlangisa wamxusha ngeenyawo, emxhimfa kwesosisu ngamanqindi mhlawumbi enethemba lokuba wosiqhomfa. UNomafa uyakhanyelwa ulahlwa kwesinomhlwa.

Uyibalisa ke ibe buhlungu umnakwabo uPozina imeko awafika ekuyo.

Uthi wayengumxhiwu-xhiwu oxhwitheke ngokwexhalanga ebelixhiphulwa ngamanye egcuma ziintlungu.

Phezu kwazo zonke ezo ntlungu akazange amxele umenzi wobubi engazange avume nokuba asiwe emthethweni.

Esekuloo nkunkuma ke ucholwa nguQadi, uZinzo uyamvuthulula umenza umntu.

Unyana wakhe ke uNomafa wamkelwa kwaQadi elolubomvu usana.

Wakhula ke uBhongo enguQadi wade waba nguggqirha, umfazi wase maQadini engayibhudi nakancinci into yokokuba uBhongo nguDlomo ayinguye uQadi.

Emva kwexesha elide uyazixelela uNomafa ukuba makayingcwabe kwelokulibala into yokokuba uya kuze ayiveze into elolo hlobo ku Zinzo nakuBhongo nkqu kunye nobuhlungu nongcikivo owaluvayo. Uthi ngexesha lobudala bakhe uDlangisa intliziyo ikhumbule uNomafa ononyana wakhe.

Naanko sele ezama okokuba uNomafa abuyele kuye khon'ukuze afumane unyana wakhe akuqonda okokuba ipikoko lakhe alibafumani abantwana.

Kwathi kanti uthunuka amanxeba kuMamNtakwenda ekukudala embeke umbeko, wabe ke ufumana ukuphoxeka okukhulu uDlangisa nobugosa bakhe be "tiki".

**OKANYE**

2.2.1 UDlangisa ufuna uBhongo ongunyana wakhe ukuba eze kuhlala naye njengoyise abe uBhongo ekhulele kunina ekhuliswa ngumyeni atshate naye onguZinzo, ke engafuni yaziwe into yokokuba ungunyana kaDlangisa. (2)
2.2.2 NguZinzo. (1)
2.2.3 UDlangisa wamphika uBhongo esesesiswini sikanina waze unina wenda naye elolubomvu usana, waze ke wakhuliswa apho kuloomzi waseMaQadini. (4)
2.2.4 Sele iyiminyaka engamashumi amabini. (2)
2.2.5 NguNomatshawe. (2)
2.2.6 Akakho kuba kaloku abakhange babafumane: abantwana. (2)
2.2.7 UDlangisa khange abe namntwana kulo mtshato wakhe koko ufuna ukuba abe ngutata naye.

Okwesibini uBhongo sele ekhulile, ufundile unguggqirha ngoku.

Ilifalakhe akakho ozakulitya, ufuna indlalifa.

Uyazisola ngokulahla igazi lakhe namawabo ayakhala ngoBhongo
(khetha isibini kuphela) (4)

2.2.8 UBhongo sele egqibe ukufunda waba ngugqirha.

Iminyaka sele ingamashuni amabini.

UBhongo sele eya kumela inkomfa yolutsha eNew York. (6)

2.2.9 UnguSomashishini owaziwayo.

Uligosa lecawe eliphambili. (2)
**[25]**

**UMBUZO 3.1**

3.1.1 UYoliswa

UYoliswa linenekazi elibunjiweyo lihle, lingena kwindlu yokwerekisho linxibe oomabhengele elitsho wathatheka wonke owayelapho.

UYoliswa ke ungumntu oqavileyo noyaziyo into ayifunayo, ze ke ayimele emva koko. Akalilo ibhetyebhetye, uyakwazi ukuwuthabatha umxhelo womntu.

Uthe ke akuzithethelela kuye uSimeli kwathi kanti uzithezele olunenkume, utsho wazifaka uYoliswa ezakhe iinzipho, bekukudala nje kakade emfuna umlingani (5)

3.1.2 UNondotsololo

UNondotsololo ngumama apha osele ekhulile, koko ocinga ukuba unamava kunabanye abantu. Ungumntu ke ongenaso isifuba othetha nje kuba enye into sewaqhela nokuhleba, ezirhogela zonke iindaba zabanye abantu. (5)

3.1.3 USimeli

USimeli ngutata womzi, ohloniphekileyo kwaye ungumphathi kulo msebenzi awenzayo kwaye uyindoda esele iqinile, unamava ngobom.

Njengoko eyindoda ehloniphekileyo kanti ukwaphethe wonke umntu ubengekhe akwazi ukuthi hayi kuye akubhekisa nokuba yintonina. (5)

3.1.4 UNomvelelo

UNomvelelo ungusisi apha osele ebuqina ekucaca ukuba sele enamava kwezobom. Ungusisi otshatileyo onomzi wakhe kwaye ungumntu onengqiqo futhi into uyibeka nje ngoko injalo, ukuba ngaba into akayamkeli uzivakalisa kwangeloxesha ezakhe izimvo, mve xa encokola no Yoliswa kanti neqela likaSimeli ngokunjalo. (5)

3.1.5 UMabhovu

UMabhovu ubunjwe apha wangumhlobo omdala ongenacala ama ngakulo nakweyiphi na ingxoxo. Ungumntu olincoko nokuba into sele ingeyancoko, usoloko efuna ukuhleka nokuba ayihlekisi. Ungukhwel' emcingeni nangeliphi na ixesha akanqandi nokuba umhlobo uyalahleka. (5)

**[25]**

**UMBUZO 3.2**

3.2.1 Asegumbini lawo lokulala, eTshotshandive. (2)
3.2.2 Yoliswa Mkhwambi. (2)
3.2.3 Sisipani esikwerekisha amaphepha eemviwo zebanga lematriki. (2)
3.2.4 Abazalani, koko ngabahlobo. (2)
3.2.5 UPhinda noNomvuyo (2)
3.2.6 Kukuba abantu bengatshatanga basuke bahlale ndawoninye, njengabatshati. (2)
3.2.7 UMabhovu ufuna ukwazi into eqhubeka phakathi kukaYoliswa noSimeli apha eTshotshandive. (2)
3.2.8 Wayenxibe kakuhle lo mntwana. Wayefake imthombothi yesilungu yesilivere, evakala ukuba yeye mali, endilisekile. (4)
3.2.9 UYoliswa ubona uSimeli, ze amncedise kumaphepha ebewafaka emotweni. USimeli ucela uYoliswa ukuba amkhaphe basele besiya ePitoli, nomnye uyavuma.

Kuthe ke apho kolohambo, behamba bencokola, yasuka intsizwa enguSimeli yabona ithuba lokuzithethelela, ibe ngathi ayizazi intombi le ngathi iyalandula kodwa xa uSimeli esondela emanga suke angabalekisi lwabe ke luyaqala uthando phakathi kwabo, ibe yincoko yaloonjika langa ke leyo kuba babonwa nangabanye xa behamba bobabini ukuya ePitoli. (7)

**[25]**

**END**